

# ABAQESHWE ABANYUSELWE

## ABAQESHWE NGO-JUNI 2014

Mnu. W Kotze Umqhubi womatshini omncinci  
 Nks L M E Müller Igosa lolawulo: Ulawulo lwePropathi  
 Mnu. J J Brown Usombane ophezulu  
 Mnu. D J Johnson Umncedisi jikelele: Ucoco-lindle  
 Mnu. S Wogqoyi Umncedisi jikelele: Ubuxhakaxhaka bococo-manzi

## USuku lokunxiba nje: ULwesihlanu umhla wesi-5 kweyoMsintsi 2014



Lixesha lokucinga phambili nokuqalisa ukucwangcisa unyaka nonyaka; ukulungiselela umbhuyozo wokugqibela iminyaka engama-20 yasekwayo iCasual Day. Lo ngumnyaka obaluleke ngokukodwa, ngoko ke umxholo wawo ugxinini xa kweyona ngxam yomsitho lo. **Umxholo uthi... Yiba Mbejembje.** Yiba mbejembje, unxibele ulonwabo, ubuqaqambise ubumenyemenye balo msitho ngezivatho zobusuku ezinefuthe lemnyaka yoo-1920, 1930 noo-1940. Ukubhiyozela ukugqibela ama-20 eminyaka lwasekwayo usuku lweCasual Day, bayabongozwa abemi boMzantsi Afrika ukuba babe MBEJEMBEJE, bangabi mpatshampatsha. Usuku loku NXIBA EZIZODWA OLUNGCAA! Umbala wonyaka ngumbala obhlowu oqaqambileyo, umbala onomtsalane ohambelana neqonga lehlabathi.

"ICasual Day yiprojekthi yonyuso-ngxowa apho kukhuthazwa abantu khona ukuba banxibe ngendlela eyahlukileyo kuleyo baqhele ukunxiba ngayo xa besiya emsebenzini. Ukuze babe selungelweni elilolo lokwenza oko, baye banikele nge-R10 ukuthenga isitikhha seCasual Day. Kule nkqubo kuxhamla abantu abakhubazekileyo. Usuku lwe-Casual Day lusuku lomcimbi obalulekileyo nongowohlobo loludwa woMzantsi Afrika kwaye akunyuswa ngxowa-mali nje kuphela - koko kwenziwa uluntu lubanike ingqalelo abantu abakhubazekileyo, kunikwe amathuba okuthabatha inxaxheba kukhuphiswano lwamaqumrhu, ukuxhotyiswa koluntu nemibutho yentlalontle." Kanti okona kubaluleke kakhulu koku... NCAMATHELISA ISITIKHA SAKHO! Ubonise ngobo newunewu nobuyokoyoko usonwabisa abakhubazekileyo kulo wama-2014!

Nokuba usebenza e-ofisini okanye usebenza phandle kwaye ufuna ukuthabatha inxaxheba, qala ucele imvume kubaphathi bakho, ukhuthaze oogxa bakho ukuba bazibandakanye nabo kolu lonwabo, kodwa okona kubaluleke kakhulu, kukunamathisela isitikhha seCasual Day kwinto oyinxibeleyo. U lomsebenzi kwenza uzive ukhululekile emsebenzini, kuba abasebenzi baya kube bekhuphisana ngezixibo zabo ezizodwa ezingaqhelekanga. Nakuba kunjalo olo lonwabo luya kwenziwa egameni lonyuso-ngxowa emsebenzini kwanokugqibela ingcamango abanazo abantu malunga nabantu abakhubazekileyo. Zimanye nezonwabisiyo udibane noMabhalana woMlawuli wakho ufumane isitikhha nge-R10 nje kuphela sisinye ukuze unxibe oko kuthandwe nguwe ngaloo mhla ubekiweyo.

# IINTSHATSHALI ZAMAQELA EMIDLALO 'YE-BETTER TOGETHER' YEPHONDO



Iqela lomdlalo wombhozo elikhokelwa ngu A J Prins

UMasipala waseOverstrand unik' imbeke kubasebenzi ngokuyiphakamisela phezulu iflegi kamasipala kwiMidlalo yeBetter Together eyayiqhutyelwa eWorcester (eBoland Park) ngomhla we-18 kweyeDwarha ngowe-2013. Le Midlalo yalinika iqela laseOverstrand ithuba lokumela iNtshona Koloni kumcimbi olandelayo.

Siziva sinelunda ukwazisa wonke umntu ngokuba iqela laseOverstrand (iqela lomdlalo wombhozo elikhokelwa ngu A J Prins) lilo elingoompondo zihlanjwe kwiMidlalo yeBetter Together kwaye liya kumela iqela leNtshona Koloni kwiMidlalo yeQumrhu likarhulumente eya kuba seV & A Waterfront ukusela ngomhla wesi-5 ukuya kowe-8 kuJuni ngowe-2014.

IMidlalo yeQumrhu likaRhulumente yaye yakho ngenxa yokukhula ngokukhawuleza kweMidlalo yeBetter Together yaye kwaye kwagqitywa ekubeni abo baphumeleleyo kuhlobo ngalunye lwemidlalo baya kuba sethubeni lokungena kwiMidlalo yeQumrhu likarhulumente.

"Iinzame zokubenza abasebenzi bazi-

bandakanye nemidlalo kufuneka zenziwe kuwo onke amanqanaba, njengoko oku kuthetha ukuba kuya kubakho inyanganga ngasokuze ugulele ukuya kwagqirha. Ukuzinikela, amandla nokunxanelwa impumelelo kusiqinisekisa ukuba siwuqaphele lo mcimbi ubaluleke kangaka. Ndiibongozwe bonke abasebenzi ukuba bathandazele iqela lethu, njengoko ukuphumelela kwalo kuya kuthetha ukuphumelela koluntu lwaseOverstrand.

"Njengokuba siqalisa ngolu hambo, siyilwazi uxanduva esinalo lokuba sikhusele intshinga yoMasipala waseOverstrand njengeNdawo eBalaseleyo ngokwenza iMisebenzi yakhe kwaye leyo yindlela afuna ukukhunjulwa ngayo," utshilo uAyanda Stali, uManejala wezeMidlalo!

IMidlalo eyaziwa ngokuba yiBetter Together Game (uBambiswano ngaMandla) liphulo lonyaka leSebe yeMimicibi yeNkcubeko neMidlalo lephondo elithi lihlanganise onke amasebe orhulumente noomasipala kulo lonke iphondo ukukhuthaza intatho-nxaxheba emidlalweni ukudala umanyano oluqulima kwindlela ekusetyenziswano ngayo kwiinkalo ezahlukeneyo zikarhulumente.

# DIBANA NABAQASHWA ABATSHA



**Dario John Johnson, Ubuxhakaxhaka bococo-manzi (Gansbaai)**



**Fabian Barends, Kwi Paki (Gansbaai)**



**Lennox Tshomane, Kwi Paki (eGansbaai)**



**John Appel, Kwindlela (Gansbaai)**



**Glenwyn John Brinkhuis, Kwindlela (Kleinmond)**



**Lovine Fisher, Umsebenzi jikelele (eGansbaai)**



**Mari Muller, Igosa lolawulo: Ulawulo lwePropathi**



**Mornique Dunsdon, Paki (e-Gansbaai)**



**Siyabulela Wogqoyi, Umncedisi jikelele: Ubuxhakaxhaka bococo-manzi**



**Willem Kotze, Kwipaki (e-Gansbaai)**



## INQAKU LOMHLELI

### "MASIZILUNGISELELE EZI NYAN-GA ZIZAYO ZONWABISAYO"

Samkela ngezandl' ezishushu umcimbi kaPhambili. Luvuyo kwakhona ukunikelela ezi ndaba. Inkxaso nothando lweni lukaPhambili lundenza ndjenge phambili ekuniphatheleni uhlelo oluphuculiweyo nolukwinqanaba lehlabathi.

Ubusika abufikanga bugalelekile kwaye uninzi lwethu alulithandi kakhulu eli xesha lonyaka. Nakuba kunjalo, kubalulekile ukwugcina ufudumele umzimba wakho uzicine endlwini emva kosuku olude lokusebenza nzima engqeleni nasemvuleni.

Kukho imibhuyozo ethile eqhubekayo, kukhwa noSuku lokuQatshelwa koLutsha noSuku looTata. Masizininke ithuba lokubafekethisa ootata bethu ngoSuku looTata. Masibanike isizathu sokuba kutheni sonwabile sisoloko sincumile imini yonke. Basebenza nzima besenzela thina kwaye bazinikele kwiintsapho zabo kwaye lolo nto ifuna ukunikwa ingqalelo.

Njengokuba, kubalulekile ukuchitha ixesha ninobabini nomntwana wakho angabikho umama ukuze kubekho olwaa sondelelwano lulodwa nobudlelane obububo. Ungalindeli ukuba olu sondelelwano luza kusuka luzenzekele: kufuneka uba uye nexesha neenzame eziza kukwenza uba ngoyena tata wakha wabaluleka.

USuku lokuQatshelwa koLutsha eMzantsi Afrika lolokukhumbula izidubedube zaseSoweto kwanokubhiyozela umhla we-16 kuJuni rhoqo ngonyaka. Olu lolokunika ingqalelo kwindima eyenziwa lulutsha ekukhululeni uMzantsi Afrika kumbuso wocalucalulo.

USuku lokuQatshelwa koLutsha ikwalusuku lokubhiyozela abantu abatsha boMzantsi Afrika. Kaloku ziinkokeli zangomso ngoko ke kufuneka sibabekwe endaweni efanekileyo. Sikwenza njani oku? Kufuneka siqinisekise ukuba abantwana bethu bayakwazi ukufumana imfundo esemgangathweni sibanike nenkxaso xa besenza izigqibo zabo. Ezi nkokeli zikhoyo ngoku ziyimizekelo kubant' abatsha kwaye kufuneka babe ngumzekelo omhle ekulawuleni ilizwe ngendlela eyamkelekileyo ukuze lukhuthazeke ulutsha ekubeni kughubeka kakuhle lubheke phambili.

Umyalezo oza kuni nonke mahlakani am njengento ekhumbuzwa ukuba nihamanqelele kangakanani na ukuba nisebenzele umasipala: wamkeleni ngomdla, niwuthande umsebenzi wenu njengamagosa kamasipala. Baninzi abantu abakunqwenelayo ukuba kwezi ndawo nikuzo. Kufuneka sifunde ukucinga ngaphambi kokuba sense nayiphi na into engamkelekanga koogxa bethu, kubaphathi nakwiKhansile nakuluntu ngokubanzi.

Phakathi kwemisebenzi esixakekileyo, sikwazile ukwenza isigidimi seendaba esisemgangathweni sabasebenzi oya kusonwabela. Sinethemba lokuba uya kwabelana ngeembono nezimvo zakho malunga nokuqalathwayo kunye nabanye oogxa bakho kwaye sifuna usazise xa kukho into ofuna ukuba siyiqwalasele nangakumbi. Libaluleke kakhulu igalelo lakho kuthi.

Okokugqibela, ndifuna ukukhumbuzwa umntu ngamnye ukuba ukunikwa ingqalelo sesona sipho sakha sasikhulu. Masilithathe eli thuba sinikana ingqalelo, kodwa kungabi ngenxa yokuba sifuna ukwenzelwa okuthile ngenxa yaloo nto, koko yinto efuna ukwenziwa ngokufanelekileyo.

Ucinga ntoni? Yabelana nathi ngento oyicingayo. Kamnandi!!!

**Noluthando Zweni Redakteur/Editor**

# ABACIMI-MLILO BAYALAWULA!

Nisebenzile, bacimi-mlilo baseOverstrand! Nisenze kwakhona siyiOverstrand sazingca ukweyananiswa nabasebenzi abanini. Kuyasivuyisa ukwazi ukuba umasipala wethu uneqela labahlangu li nabacimi-mlilo elinesakhono nelwaziyo umsebenzi walo. UMasipala waseOverstrand ube nebhongo lokusingatha umhla wokuBhiyozela uSuku lweHlabathi lweziCimi-mlilo ngomhla we-3 Meyi 2014. Abacimi-mlilo nabasebenzi benkonzo zikaxakeka bomasipala abohlukeneyo abasuka koomasipala abohlukeneyo beNtshona Koloni kunye namasebe eenkonzo zikaxakeka ephondo bathathe inxaxheba kuko konke ekwakusenziwa ngolo suku.

Imibhuyozo yaqala ngemingcelele weemoto zokucima umlilo nezohlangulo. Kwalandela umsitho wesikhumbuzo sabo bazizicimi-mlilo nabasebenzela inkonzo kaxakeka abawelwa zizihlobo zabo zisemsebenzini, lo msitho ukhokelwe nguTshapleni Robson. Mininzi imiboniso eyahlukileyo eyenziwa ngabasebenzi abohlukeneyo benkonzo kaxakeka nabacimi-mlilo ngolo suku.



**uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie kunye noMphathi kamasipala uMnu. Coenice Groenewald bekunye neqela labacimimlilo**

Wonke amaqela abonisa ukusebenza ngenkuthalo nangokuzimisela kuyo yonke imingeni yawo.

Iziphumo zokugqibela zihambe ngolu hlobo:	
1. UMasipala weSithili sase-Eden (Iqela eliphumelele ugqatso lonyaka wama-2014)	0:07:32:26
2. UMasipala waseBreedee Valley	0:08:02:65
3. ISixeko saseKapa	0:08:15:22
4. UMasipala waseOverstrand	0:08:26:13
5. UMasipala waseDrakenstein (abaphumelele ukhuphiswano lokubambisana njengeqela)	0:08:31:50
6. UMasipala waseStellenbosch	0:08:32:03
7. UMasipala waseOverstrand (Abaphumelele igama lelona qela libesebenzileyo)	0:08:41:87
8. ISouth African Air Force	0:09:34:43
9. UMasipala waseOverstrand	0:09:54:50
10. UMasipala weSithili saseOverberg	0:10:38:40

## UMARLU RUST, UMFUNDI OZINGCAYO WEMFUNDO ENOMSILA YEEMASTAZI



UMarlu Rust ungumfundi obhalisiweyo kwizifundo zemfundo enomsila yeMastazi kuLawulo lweeNtsekele eyenza ne-Yunivesithi yase Freyistati. Uqgu be izifundo z a k h e zeminyaka emi-3 zeDiplo-ma yobuChwepheshe beMlilo ngonyaka wama-2008 ekwenza oko neSouth African Emergency Services Institute (SAESI), yona leyo ebeangele ukuba makafundele imfundo enomsila. Ngowama-2012 ubhalise kwiYunivesithi yaseFreyistati esenza izifundo zee-Onazi kuLawulo lweeNtsekele (iHigher University Diploma in Disaster Management)wazigqiba izifundo zakhe ekupheleni konyaka wama-2013.

Echaza uhambo lwakhe ukuzakuthi ga ngoku uthe "Ufundo lweemastazi lufundo olungophando noluthatha indlela lwethisisi "Olu phando lwam lumalunga noMasipala waseOverstrand indlela apho asemngciphekweni ngayo kwiimeko zokusingqongileyo ezizehlelayo kwaye ijolise kuphuhliso oluthelekiswa nomngcipheko. Ngamanye amazwi uphuhliso lukwahambisana nomngcipheko nomngcipheko ukwahambisana nophuhliso. Ezona ndawo ndakujolisa kuzo kuphando lwam kukwanda koluntu noqoqosho olukhulayo lwendawo nokukhula komasipala lowo nokuba ezi zinto zidlala indima engakanani ekulweni okanye zineqalelo elingakanani kwiintlekele ezidalwa zimeko zokusingqongileyo okanye ezidalwa luluntu. Ezona njongo iphambili yeenkqubo zolawulo lweentlekele kukunika indlela equka konke nephandiweyo kuye wonke ubani onomdla kulawulo lomngcipheko weentlekele ngokowisomthetho olululo, imigaqo-nkqubo, imimiselo nokuququzelelwa ngokukhula kweenkqubo ezinika uncedo nesiqabu kwiimeko zeentlekele. Kwimpumelelo yakhe, uMarlu angathanda ukubulela uMasipala waseOverstrand noMlawuli kaMasipala uMnu Groenewald ngokumnika eli thuba nenkxaso kwizifundo zakhe ukusela kuMlawuli uMichaels, uMlawuli u-Arrison noGosa eliyiNtloko leziMali uSmith. Ingcebiso yakhe kwabo abasebenza nabo "kukuba nethemba ukhuthazeke, kokona kungcono oko ongakutyalala ebantwini" utshilo uMarlu.

# USOMLOMO UTHWESWE ISIDANGA SOMTHETHO I-LL.M.

USomlomo kaMasipala weOverstrand uAnton Coetsee ngomnye wooceba ekudalala bekwebhanga ozenzele igama kurhulumente wasekhaya. Akaph-elelanga nje ekubeni ngeceba kumanqanaba ngamanqanaba ukususela ngowe-1998, koko usanda kuthweswa isidanga seMasters zomthetho asifumene kwiYunivesithi yasePitoli (UP).

Ithisi yakhe yeLLM esihloko sithi, An evaluation of the role and functioning of an Appeal Authority created in terms of Section 62 of the Local Government: Municipal Systems Act 32 of 2000, sisiqhamo sophandolwazi lweminyaka emine.

"Eli Candelo lama-62 libaluleke kakhulu kuluntu," utshilo uAnton, "kuba lisisiseko ekwakhelwe kuso ukwahlulwa kwamagunya koomasipala.

"UMthetho weNkqubo uyacacisa ukuba uluntu luyinxalenye kamasipala. Le ndlela yokubhena ingasetyenziswa luluntu nanini na umntu enganeliseki sigiqibo esithatyathwe sigiqeba esilawulayo ukwenzela ukuba umasipala asoloko ehleli ethe qwa."

Emva kokuba uAnton ebonile ukuba abanye oomasipala bafumana ubunzima ekusebenziseni le ndlela yokubhena ubone ukuba makabhale isikhokelo esiza kunceda oomasipala. Kodwa ke loo ncwadi kufuneka ukuba ibe nengcaciso epheleleyo ukwenzela ukuba namagqwetha ayisebenzise xa ecebisa abaxhasi bawo okanye encedisaba abaxhasi bawo kulo mba.

Ngenxa yesi sizathu uNjingalwazi uB. Bekink wase-UP ucebise uAnton ukuba enze uphandolwazi kulo mba kwizifundo zakhe zesidanga se-LL.M.

"Ukungena komgaqo-siseko omtsha kuze nenquku kulawulo loomasipala," uyacacisa uAnton.

"Emva kwethuba lesandulela senguqu imithetho kamasipala yatshintsha ukwenzela ukuquka imigaqo nemithetho yobomi. Oko kwakhokelela ekumanyanisweni koomasipala bangaphambili baseHangklip-Kleinmond, oweGreater Hermanus, owaseStanford nowaseGansbaai babangumasipala omnye weOverstrand."

Uyise kaCoetsee uWicus Coetsee wayengusodolophu wokugqibela kamasipala omdala waseHermanus phambi kokuba uWillie Smuts athathe isihlalo njengosodolophu kamasipala ohlanganisiweyo weOverstrand ngowama-2000 waza walandelwa nguTheo Beyleveldt ngowama-2006 noNicolette Botha-Guthrie ngowama-2010.



uAnton Coetsee

Ngowe-1998 uAnton wonyulwa njengoceba phantsi komthetho omdala waza ngowe-1999 wonyulwa wangushilalo wezemali kwikomiti yesiqingqeba esilawulayo. Ngowama-2002 wonyulwa kunyulo lovalo-sikhewu wanguceba wewadi eyaziwa njegoWadi 3 equka umbindi woshishino waseHermanus waza ngowama-2006 wangusomlomo webhunga.

Ukuthatha kwakhe inxaxheba kwimicimbi kamasipala

la ibingeyiyo yodwa into ebexakeke yiyo. Ukususela ngowe-1985 encedisana noyise uAnton ebehuba isishini i-A&W Glass. Ngowe-1994 waqalisa ngezifundo zakhe zesidanga se-B.Proc. efunda ne-Unisa.

"Ndibe nakho ukufunda kuphela ngenxa yenkxaso yosapho lwam," utshilo uAnton. "Kwanyanzeleka ukuba bancame izinto ezininzi."

Uthi inkosikazi yakhe uSonet nabantwana babo ababini, intombi uMonique (ngoku oneminyaka engama-25 noyititshala eKnysna) nonyana uFerdinand (ngoku omyaka ingama-23, umfundi kwezewayini osebenza eGabriëlskloof) ngamanye amaxesha bekunyanzeleka ukuba bahambe bodwa ukuya eholidayini bemshiya ekhaya efunda.

"Bendisebenza iyure ezinde kwinkampani yam uA&W Glass ndifunde ekuseni phakathi kwentsimbi yesine neyisithandathu phambi kokuba ndiye emsebenzini. Ebusuku bendizama ukuba ndibe sekhaya kwangoko phambi kwesidlo sangokuhlwa ukwenzela ukuba ndincedise ekulaliseni abantwana kodwa bendidla ngokozela phambi kokuba balale!" U-Anton ubesoloko echitha ubusuku bonke neencwadi zakhe efunda kwi "study", awazakhela sona kwigaraj yakhe.

U-Anton noWicus balihengisa isishini labo ngowe-1998 ngako oko wayenokuchitha ixesha elongezelelekileyo kwizifundo zakhe. Waqala ukwenzela izifundo zokufundela ubugqwetha kwa-Burgers & Van Noordwyk ngowe-1999 waza emva kokuthweswa isidanga ngowama-2002 wamkelwa njengegqwetha ngowama-2003.

Ii-ofisi zika-Anton, Amagqwetha uCoetsee & Van Zyl zise-Rheezicht Centre kufuphi nekhaya lakhe eOnrus.

# USODOLOPHU NOMLAWULI WOMASIPALA BAHLANGENE NEBHUNGANA NJENGOKO BELUNGISELELA UKUBABONISA INDAWO

Umlenze wokuqala wujikeleziso loboniso-ndawo lweekhansila ezikwizikhundla ezisezantsi zaseOverstrand waqala kummandla waseKleinmond ngomhla wesi-8 kuEpreli ngowama-2014 uze wona umlenze wesibini ibe lutyelile eStanford naseGansbaai ngomhla we-13 kuMeyi ngowama-2014 kwaye lwaba yimpumelelo enkulu.

Ukhenketho olu lwaluphulu lika-Masipala waseOverstrand ukubonisa iinkokeli ezisakhulayo iinkonzo ezahlukeneyo zoomasipala, eziya kuba negalelo ekukhuleni kwazo ndawonye nokuqinisekisa ngefuthe lolo tyelile kwikamva lazo.

Ibhunga elincinane ledolophu laba nomothuko ngenxa yovuyo lokubakho kukaSodolophu uNicolette Botha-Guthrie elalingamlindlanga, ekhatshwa nguManejala kaMasipala uCoenie Groenewald, abaye bafika kwi-Enlighten Education Trust ngeenjongo zokwabelana nale ngeprojekthi eyayisithuso ingalindelwe liqela elo.

Ethetha neqela labafundi, uSodolophu wathi, "Ningabokuqala ukwazi ngesi sothuso kwaye nibe sethamsanqeni uku-ba nibe ngabokuqala ukwabelana nathi ngaso. Ndivuya kakhulu ukwabelana nani ngale nto. Ndinomntu oyindumasi kum kwaye ndimthanda kakhulu. Ndiqigibe ekubeni ndimnike imbeko ukumkhumbula ndenze nento eya kumenza abe ngophila unaphakade entliziyweni yam ngeli xesha ndisengusodolophu woMasipala waseOverstrand. Le nto ndifuna ukwabelana nani kuphela ngayo, kambe kwanoluntu lwaseOverstrand luphela.

"Ukunika imbeko kongasekhoyo owayesakuba ngumongamele woMzantsi Afrika, uMnu Nelson Mandela, umfanekiso wentloko yakhe uya kufakwa embonisweni wamatye. Le projekthi yaqalwa kulo nyaka uphelileyo emva kokuba amagosa edibene aza anika umsebenzi lowo wayenexabiso elifikelekayo ukuba awenze,



Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie

kaloku ikoteshini yokuqala eyayingama-R32 000.00 zange yamkelwe. Ndinovuyo olukhulu ukubona iziphumo ezinje kwaye ndinethemba lokuba noluntu luya kuba nemincili njengam. Ngamafutshane, ndinimemile ukuba nibe lapha namhlanje ukuze nibe yinxalenye yale projekthi ibaluleke kangaka, nize nani nibeke amatye ambalwa kunye nam kulo mfanekiso," utshilo uSodolophu.

Uceba ngamnye okwisikhundla esisezantsi wanikwa ithuba lokubeka amatye ambalwa, kwaza emva koko usodolophu we-ITC wabulela uSololophu uBotha-Guthrie wavakalisa isicela sakhe kananjalo ukuba elo qela alingebi yiyo na inxalenye yeprojekthi eza kuya ePalamente. USodolophu waqinisekisa ukuba uya kube abuyele kubo abazise emva kokuba ebonisene namanye amalungu eKomiti kaSodolophu.

Emva kwengcaciso emfutshane, iqela lakhwela ebasini lajikeleziswa ngolo suku, likhatshwa ngabacebisi balo nangamagosa kaMasipala waseOverstrand. Indawo ekwayiwa kuyo kuqala yiStanford, apho uManejala woMmandla, uPetronella

Ferreira waye wabamkela ekwabaxelela ngembali yaseStanford kwanezinto ezathi zaphuhlisa kumasipala kulo mmandla. Emva koko wanikela kuManejala woMmandla wezoLawulo lwaseGansbaai, uFrancois Myburg, owapheleka iqela elo ukuya eGansbaai.

Abacimi-mililo babebalindlele kwisikhululo socimomililo apho babemamele khona ulwandlalo-ntetho lukaBrian Lobb, emva kokuba iqela libonise ngeengxaki elithi ligagane nazo njeng-

abacimi-mililo. Ooceba abakwizikhundla ezisezantsi baye baxelelwa ukuba, xa befuna ukuphumelela kule nkalo, abacimi-mililo kufuneka babe baphile qete emzimbeni nasengqondweni, babonakalise ukuba nomdla kananjalo bazimisele, kwaye bazinikele bakwazi nokuhlangula ubomi ndawonye nokunceda uluntu ngamaxesha onke.

Utyelelo olulandelayo lwalukwindawo yokulahlala inkunkuma (etiphini) apho iqela laye lafika lamkelwa nguJohan Van Taak, owalacacisela ngazo zonke izinto ezibalulekileyo eziphathelile nokuhlaziywa

kwenkunkuma isetyenziswe ngokutsha ekwalibonisa nohlobo lwenkunkuma ethi ihlaziywe kwalapha etiphini, kuquka iplastiki nephepha. Inkunkuma efana neasbestazi kunye bezixhobo zamachiza zona zicolwa zihlaziywe eDolophini yaseKapa. Wagxininisa ekubalulekeni kwabantu abaliliso kokusingqongileyo ukuze kuncitshiswe inkunkuma, njengoko le ndawo isengxakini yokuba ncinane ukuba ingasetyenziswa zizo zinke iidolophana zaloo mmandla. Itiphu yaseGansbaai kungoku nje isetyenziswa yiHermanus, eStanford naseGansbaai.

Emva koko iqela laya kugqitha kwindawo yalo eyeyokuqibela ngolo suku, eyayilibala lokudlalela ibhola ekhatywayo eGansbaai. UManejala uCarol Devit wenza ingcaciswana emfutshane malunga neenkqubo ezenziwayo ebaleni. Ulutsha lwaseGansbaai lusebenzisa eli bala ngokuzimisela okukhulu kanti waye wayikhuthaza neITC ukuba liisebenzise nayo njengoko kuvumeleke ukuba lise-tyenziswe nguwonkewonke.

Ngaphambi kokuba bagoduke emva kosuku olwalumnandi nolwaluqalathe ulwazi, kwaye kwamanywa wonke umntu ngabafundi baseGansbaai Academia ukuba baye kuhlola isikolo sabo kwanezinto ezenziwayo kuso.



# IMINCILI & USIZI

## UTHEO OLIVIER UYASAMKELA ISIKHUNDLA KWINDLU YOWISO-MTHETHO YENTSHONA KOLONI

Ndiyathemba ukuba nonke nakungqinelana nam xa ndisithi uTheo Olivier ube nethamsanqa elikhulu kakhulu. Abaninzi benu ngoku kufanele ukuba bayazi ukuba ubeke phantsi kumasipala ukuze ayokubamba isikhundla sokuba liLungu lePalamente kwiNdlu yoWiso-Mthetho yePhondo leNtshona Koloni. Emva kwexesha elide lokusebenzela umasipala, xesha elo liquka nesikhundla sokuba nguSekela Sodolophu, uTheo ugqibe ekubeni asithathe esi sikhundla sinoxanduva olukhulu.

Phambi kokuba ahambe njengomsebenzi woMasipala waseOverberg ngomhla wama-20 Meyi 2014, uthathe ithuba lokubulela wonke ubani ngegalelo abalenzileyo ebomini bakhe. Wenze umbulelo ongazenzisiyo kubaphathi ngokumnika ithuba lokuba asebenze kumasipala. Ubulele nakumalungu ombutho wabasebenzi iSAMWU. Uthethe wenjenje "Ndinothulela umnqwazi ngokundivumela ukuba ndinikhokele kumanqanaba amaqumrhwana ezabasebenzi nawesithili kumbutho wabasebenzi. Ndilonwabele lonke ixesha ebendikunye nani. Kufanele nikhumbule oku, ukubulaleko komnye umsebenzi bonke abasebenzi bayabulaleka", Uthethe watsho.

UTheo wenze ilizwi lombulelo nakubaphathi bakhe uMnu Kearney noNkskz. Platjies ngobunkokheli nenkxaso abamnike yona kwakunye nemisebenzi enzima ebebemnika yona. Uthe uTheo kubo "bekulithamsanqa num ukusebenza nani njengeqela".

Uthe kwinqela lakhe "Nangona bendingasoloko ndikunye nani kodwa ndiyathemba sisebenzela kakuhle. Nikhumbule endanixelela kona - ukuba ubani ungena ekhithini, ubulisa kuqala".




uTheo Olivier

## UBUSAZI / UVILE

UMnumzana uKat Myburgh kunye nenkosikazi yakhe balizwe ngomzukulwana ngoLwesihlanu, umhla we 23 Meyi 2014. Intwazana yabo ifumene untwana uyindodana.



Inkosikazi kaLionel Wallace ifumene umntwana oyintombazana ngolwesihlanu, umhla we 23 Meyi 2014. Igama losana ngu Aloma. ULionel ungumcebisi wezomthetho omkhulu. Ifemeli yakwa Wallace iyakuvuyela ukubakho kuka Aloma inethemba lokuba uyakuzisa uthando, ulonwabo nemigcobo kwifemeli.



uGerhard Smith nenkosikazi yakhe uHelen basandukuba ngabazali abanegugu ngokufumana unyana ogama lingu Samuel.

## OVERSTRAND ULAWULO LWE-IMATU UKUSUSELA NGOMHLA WE-16 MEYI 2014

Aba bantu balandelayo batyunjwe ukuba bamele i-IMATU kwi-Overstrand ngokwezikhundla zabo ezahlukeneyo:

- USIHLALO**  
Ulita Swart
- USEKELA-SIHLALO**  
Isak Henecke                      Juan Havenga
- UNOBHALA**  
Sylvia Block
- AMANYE AMALUNGU EKOMITI**  
Karin Vorster                      Johan Rossouw  
Bulelani Boto                      Shaheed Miller  
Danny Philips                      Stephen Williams  
Geraldine Erasmus              Theuns Otto

Njengangaphambili i-IMATU iyawaqinisekisa amalungu ayo nabalawuli ngokuzimisela kwayo kwintsebenziswano ukuqinisekisa indawo ekusetyenziswa ngendlela ephilileyo enemveliso eyinzuzo kubalawuli nakubasebenzi. Ncedani nifunde ibali elipheleleyo ngalo mba kwiPhambili elandelayo.

Iqela lePhambili liyavuyisana namalungu asanda konyulwa kwaye liwanqenelela konke okuhle kolu hambo lwawo lutsha.

## UNYANA KA-HANNES UTHWESWE ISIDANGA SE-BA HONOURS (PSYCHOLOGY)



UDwayne unyana omdala kaHannes noKarin Vorster uthweswe isidanga seBA Honours (Psychology) kumsitho wothweswo-zidanga kwiYunivesithi yaseFree State obungoLwesithathu umhla we-9 Epreli 2014. Uyaqhuba nezifundo zakhe ze-Masters kwi-Psychology.

UHannes unebhongo kwaye uyavuyisa ngale mpumelelo yonyana wakhe. UDwayne wenzele uyise into nawuphi na umzali ongutata anqenela ukuyenzelwa ngumntwana wakhe. Simnqwenelela konke okuhle uDwayne kwizifundo zakhe eziya phambili.

## UMARC UFUMANA IMIBALA EPHELELEYO



uMarc Sales

Unyana kaElmarie Sales ogama linguMarc ufumene imibala epheleleyo kwinqanaba kwiBoland Platteland yabaminyaka engaphantsi kwe-17. UMarc nda kwibakala le-11 eHermanus High School. Ngowama-2013 iqela lakhe lakhenketha laya eKimberly liye kuthatha inxaxheba kwi-National rural cricket. Eli gatyana lomfo ozimiseleyo uyalithanda iqakamba kwaye unebhongo ngokumela iBoland Cricket. UElmarie kumncedi kamnu. Stephen Muller, iNtloko yoBuxhakaxhaka noYilo.

## USAPHO

*Ngokubhalwa ngu: Anthea Etalla*

*Usapho lufana lodwa  
Lwakhiwe ngothando oluncamisa  
Lwenziwe ngabantu abaxabiso liphezulu  
Abadityaniswe luthando oluyimbalasane.*

*Usapho yintsikelelo  
Ekukhuthaza kwindlela yobomi  
Nangamaxesha osizi  
Luzisa ulonwabo kwintliziyi etyumkileyo.*

*Usapho ngunaphakade  
Lukukhusela lonke ixesha  
Yingubo eyalukwe yathi manca  
Ukuze ime nawe lonke ixesha.*

*Wanga wonk' ubani angaqaphela  
Ephila nje ubomi yonke imihla  
Ukuba le yindlela kaSombarwo yokuthi  
Ndikho ngalo lonke ixesha.*

## AMAZWI OVELWANO

Kungovelwano olunzulu ukuva ngokusweleka ngesiquphe kukaEnrico Spandiel, intsumpa ethandwa Kunene yaseStanford. Usweleke kusasa ngoMgqibelo umhla wama-31 Meyi 2014. U-Enrico usweleke ngenxa yengozi ayifumene entloko emva kokuba egilwe sisithuthi ekhwele ibhayisikeli. Unkosikazi wakhe uJuwene osebenza elayibrari eHermanus nosapho lwakhe siza kubabeka emthandazweni.



uEnrico Spandiel